
UThobile wayengumntwana onembeko nobubele. Ngenxa yoko, uMakazi wakhe wamthengela izihlangu ezintsha ezibomvu.






UThobile wayezithanda kakhulu izihlangu zakhe ezintsha. Wayede alale ngazo.

Ngobunye ubusuku, uThobile waba nephupha elingaqhelekanga.

Izihlangu zakhe ezintsha zasuka zathetha.






Izihlangu zazikhalaza kuba uThobile ezinxiba imini nobusuku.

"Asilifumani ithuba lokuphumla nelokuba siphefumle khe sibethwe ngumoya," zatsho izihlangu ezibomvu.

Kwa oko zaqala zathetha nazo izihlangu eziluhlaza zikaThobile.

“UThobile ulibele ngathi,” zatsho zikhathazekile. “Uzithanda kakhulu izihlangu zakhe ezintsha ezibomvu.”





Akazange alale kakuhle ngobo busuku uThobile.

Wavuka esalikhumbula iphupha lakhe. Waziva ekhathazekile kukungonwabi kwezihlangu zakhe.

UThobile wacingisisa.


“Ndiza kukhe ndiniphumze,” watsho kwizihlangu ezintsha ezibomvu.





“Ndiza kuphinda ndinxibe ezi izihlangu,” watsho esalatha kwezinye izihlangu zakhe eziluhlaza.

UThobile wenza kanye loo nto. Ngemini elandelayo, waya evenkileni enxibe izihlangu eziluhlaza.





Ngosuku olulandelayo uThobile watyelela uMakhulu wakhe. Wayenxibe izihlangu ezintsha ezibomvu.

Ukusukela ngoko, walala ubuthongo obehlayo. Amyeka amaphupha angaqhelekanga.

Yamonwabisa into yokuba icebo lokutshintshatshintsa izihlangu liphumelele.

